

# UNwelezelanga namabhere amathathu

Kwaye kukho amabhere amathathu: UTat'uBhere, uMam'uBhere kunye noBhabha uBhere. UTat'uBhere wayemkhulu kakhulu; UBhabha uBhere wayemncinane kakhulu kwaye uMam'uBhere wayengamkhulwanga kakhulu kwaye engamncincanga kakhulu – wayephakathi nje. La mabhore mathathu ayehlala kwindlwana encinane ehlathini.

Yonke imihla amabhere ayesidla isidudu njengesidlo sakusasa. Ngenye imini uTat'uBhere etsho ngelizwi lakhe elingqokolayo wathi, "Isidudu sethu siyatshisa. Singake siyekuhamba-hamba ehlathini ngoku sisapholayo." Ngoko ke amabhere amathathu aphuma ahamba-hamba ehlathini. Kwangaxeshanye, kwakukho umntu owayehamba ehlathini – intwazana encinane eneenwele zegolide. YayinguNwelezelanga. Wayebizwa ngokuba nguNwelezelanga kuba iinwele zakhe zazigolide ngombala.


UNwelezelanga wayibona indlu yamabhere. Wenyuka ngendlela wankqonkqoza emnyango. "Nkqo-nkqo-nkqo". Akuzange kubekho mpendulo. Wakroba efestileni – kukhangeleka kukuhle kakhulu ngaphakathi. Wabetha intsimbi yasemnyango – kodwa zange kuperhendulwe. Ewe, wangena endlwini yamabhere! Owu uNwelezelanga!

UNwelezelanga wabona isidudu etafileni. Kwakukho isitya esikhulu sika Tat' uBhere, isitya esiphakathi sikaMam'uBhere kunye nesitya esincinane sikaBhabha uBhere. Wayelambile uNwelezelanga waze waqale ngokungcamla isidudu sika Tat'uBhere, kodwa zange asithande kuba sasinetywa eninzi. "Andisithandi esi sidudu, sinetywa eninzi," watsho uNwelezelanga. Wangcamla isidudu sikamam'uBhere, kodwa

akazange asithande konke konke kuba sasiswiti kakhulu – sasineswekile eninzi. "Andisithandi esi sidudu, siswiti kakhulu," watsho uNwelezelanga. Emva koko wangcamla isidudu sikaBhabha uBhere. "Mhmmm," watsho, "Ndiyasithanda esi sidudu, silungile!" Waze wasitya sonke isidudu sikaBhabha Bhere.

UNwelezelanga wajonga-jonga wabona izitulo ezintathu. Okokuqala wahlala esitulweni sikaTat'uBhere, kodwa sasiqine nka. Wagxidika esitulweni wathi, "Andisithandi esi situlo, siqine kakhulu." Waphinda uNwelezelanga wachopha esitulweni sikaMam'uBhere kodwa sasithambe kakhulu. Wagxidika esitulweni wathi, "Andisithandi esi situlo, sithambe kakhulu." Waze ke uNwelezelanga wachopha esitulweni sikaBhabha uBhere, wathi sona esi sifanelekile. Wathi, "Ndiyasithanda esi situlo, silungile!"

Ibali likaNwelezelanga lisinika amathuba amahle njengoobalisa ukuba sisebenzise amazwi awohlukeneyo – ilizwi elikhulu, elingqokolayo likaTat'uBhere, ilizwi eliphakathi Bhere. Eli bali linophindaphindo, kangangokuba nabantwana abaqalayo ukuliva baza kukhawuleza baweve amazwi. Bakhuthaze ukuba bawabize kunye nawe amagama, okanye bawabize emva kwakho. Bancine abantwana emva kokuba abalinganiswa bethethile uthi, "Uye wathini uNwelezelanga?" "Uye wathini uMam'uBhere" "Uye wathini uBhabha Bhere?" Khuthaza abantwana ukuba basebenzise amazwi abalinganiswa.



UNwelezelanga wayediniwe ngoku, kwaye wayefuna indawo yokulala. Wayeza kulala phi? Angalala etafileni? Hayi! Angalala esitulweni sikaBhabha Bhore? Hayi! Kuba saphukile. Niyayazi ukuba uza kulala phi? uNwelezelanga wakhangela ibhedi awayeza kulala kuyo. Wafumana igumbi lokulala waze wabona iibhedi ezintathu. Ibhedi kaTat'uBhere yayinkulu kakhulu. Ibhedi kaMam'uBhere yayiphakathi nje yaze yona ekaBhabha Bhore yaba ncinci kakhulu.

UNwelezelanga wangena ebhedini kaTat'uBhere kodwa yayiqine kakhulu. Wagxidika ebhedini wathi, "Andiyithandi le bhedi, iqine kakhulu."

UNwelezelanga wakhwela ebhedini kaMam'uBhere kodwa yayithambe kakhulu. Wagxidika wathi, "Andiyithandi le bhedi, ithambe kakhulu." Waze ke uNwelezelanga wakhwela ebhedini kaBhabha Bhore. Waye walala kuyo watsala ingubo wathi, "Ndiyayithanda le bhedi, ilungile!" UNwelezelanga wavala amehlo walala.

Wathi esalele UNwelezelanga, afika amabhore amathathu. Ayelambile. UTat'uBhere wajonga esityeni sakhe sesidudu. Wacaphuka wathi, ngelizwi elingqokolayo likaTat'uBhere, "Ngubani obemana esitya isidudu sam?" UMam'uBhere wajonga isidudu sakhe. Wayecaphuka wathi, "Ngubani obemana esitya isidudu sam?" UBhabha Bhore wajonga esidudwini sakhe. Wayecaphuka, waze wathi, "Ngubani obemana esitya isidudu sam?" Waphinda wathi, "Siphelile tu!"

Amabhore ajonga izitulo zavo. UTat'uBhere wathi, "Ngubani obemana echopha esitulweni sam?" UMam'uBhere wathi, "Ngubani obemana

echopha esitulweni sam?" UBhabha Bhore wajonga esitulweni sakhe wathi, "Ngubani obemana echopha esitulweni sam... kwawujonge... sophukile!"

Amabhore aya kwigumbi lokulala. UTat'uBhere wajonga ibhedi yakhe, wathi, "Ngubani obemana elala ebhedini yam?" UMam'uBhere wajonga ebhedini yakhe wathi, "Ngubani obemana elala ebhedini yam?" UBhabha Bhore ukhangele ebhedini yakhe wathi, "Ngubani obemane elala ebhedini yam?" Wajonga kwakhona, wathi, "Nanku!"

UNwelezelanga waye woyika ngeyona ndlela, waxhuma ebhedini wabaleka waya efestileni. Waphuma ngefestile wabaleka, wabaleka, wabaleka. Amabhore amathathu zange aphinde ambone uNwelezelanga.

Liphela njalo ke ibali lethu.

